| | |
|---|---|
| Itayitile yeprezenteyishini yakho | Uxanduva lweyunivesithi entlalweni: Indima yootitshala |
| Isihlonipho negama lalowo uprezentayo | Viviane de Moraes Abrahão; Maria Vaquero-Diego |
| Ibhayografi emfutshane yalowo uprezentayo | UViviane unesidanga sedigri yeemastazi kwizifundo zoSetyenziso loLwimi lwesiNgesi noNxibelelwano lwakuMazwe ngaMazwe kwaye ufundela isidanga sobuGqirha (PhD) kwiZifundo zoKhubazeko neMfundo ePhakamileyo e-Universidad Autónoma de Madrid. Eyona nto iphambili lugxile kuyo uphando lwakhe luquko lwabantu abaphila nokhubazeko ekuhlaleni, nendima yoluntu lulonke ekuqinisekiseni olo quko lunjalo. Ube ngumhlohli kwiYunivesithi yase-ESIC iminyaka eliqela kwaye uyinxalenye yeqela lophando olumalunga noquko lwabantu abaphila nokhubazeko kwiindawo zempangelo.<br><br>UMaria wazigqiba izifundo zakhe zaphambi kokuba sisithwalandwe kwizifundo zeeNdlela zokuFundisa kwiYunivesithi yaseSalamanca, idigri yakhe yeemastazi kwizifundo zeMithombo yaBasebenzi kwiYunivesithi yase-Antonio de Nebrija eMadrid, nesidanga sobuGqirha kuMazwe ngaMazwe (PhD) kwizifundo kwiiNzululwazi zezeMfundo kwiYunivesithi yaseSalamanca. Kungoku nje usebenza njengenjingalwazi kwiYunivesithi yase-ESIC kwaye ungomnye weqela lophando olumalunga neendlela zokuziphatha, ukuthengisa nobuchule kuluntu lwezolwazi. UMaria ukwasebenzisana kananjalo neziko lophando lophuculo lwekharityhulam yeYunivesithi yase-São Paulo's. Uphando lwakhe ubukhulu becala lugxile kubukrelekrele basemphefumlweni, nezicwangciso zoqeqesho lwabantwana abafikisayo. Ukwalilo kananjalo nelungu leKomiti yoLungiselelo kwiKhongolose yezeMfundo e-ESIC nomphengululi weejenali zamazwe ngamazwe eziliqela. |
| Ushwankathelo / intshayelelo yeprezenteyishini yakho. | Kule minyaka yakutsha nje, imeko-nkangeleko yemfundo ephakamileyo iye yavelisa uxanduva lweyunivesithi ekuhlaleni (USR) – ukuba iyunivesithi, njngeziko, kufuneka ibe negalelo kuphuhliso nophuculo loluntu kwaye ihlale isicinga ngokutsha isikhundla sayo nomsebenzi wayo ekuhlaleni. Oku kufezekiswa ngokunikezela ngeenkonzo zezemfundo ngokusekelwe kwimigaqo yokuziphatha, ukuzibophelela ekuhlaleni nokuphakanyiswa kweenqobo ezivakalayo, nto leyo yenza ukuba ekugqibeleni ibe noxanduva lokuphendula ekuhlaleni. Ngenxa yokuba igqiza labaseenzi abafundisayo lilonke, kuquka iinjingalwazi zeeyunivesithi, liyinxalenye yenjini yotshintsho, kufuneka liyazi indima yalo.<br><br>Le prezenteyishini ijonge ukonyusa ulwazi phakathi kwabasebenzi abafundisa kwiiyunivesithi malunga nendima yabo njengezithunywa zotshinysho entlalweni. Ishukuxa iinkalo eziphambili ze-USR ngokuphathelene nokuhlanganisa ukwahlukahlukana ngaphakathi nangaphandle kweyunivesithi, nokusebenzisa oku kwiikharityhulam zazo zonke iinkalo zolwazi kwizifundo. |

| | |
|---|---|
| Imathiriyeli yokufundwa ecetyiswayo | Dima, G. (ed.) (2015). *University social responsibility: a common European reference framework*. INgxelo yaseSidlangalaleni yokuGqibela yeProjekthi ye-EU-USR (52709-LLP-2012-1-RO-ERASMUSESIN). http://www.eu-usr.eu/wp-content/uploads/2015/04/D1.4-Final-Report-Public-Part-EN.pdf.<br><br>Pérez Dominguez, F. (2009) *La Responsabilidad Social Universitaria (RSU)*. Consejo Social de la Universidad de Huelva. http://hdl.handle.net/10272/13428.<br>Ruxandra V., Cristina B., Manuela E., Claudia B. (2010) Developing university social responsibility: A model for the challenges of the new civil society. *Procedia - Social and Behavioral Sciences*, Ushicilelo 2, Upapasho 2, https://doi.org/10.1016/j.sbspro.2010.03.660. |
| Amagama aphambili | uxanduva lweyunivesithi entlalweni, i-USR, imfundo ephakamileyo nokufundisa, utshintsho kwikharityhulam, ulwazi entlalweni |
| Umhla weprezenteyishini | 4 kweyeDwarha 2022, 12:45–13:45 ngokwexesha loMzantsi Afrika |